PARLIAMENT

OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# ISICELO SOKUPHAKANYISWA KWAMAGAMA

## UTYUMBO LWAMALUNGU AMABINI (2) EBHODI YEARHENTE YOPHUHLISO NOKWAHLUKANA KUAMAJELO EENDABA (I-MDDA)

Amaziko kunye/okanye abantu ngabanye bayamenywa ngako oku ukuba batyumbe abantu abaza kuvala izikhewu ezibini (2) zamalungu angengawo esigqeba seBhodi yoPhuhliso noKwahluka kwaMajelo eeNdaba, ngokwecandelo 4 loMthetho woPhuhliso lwaMajelo eeNdaba noKwahlukana, wowama-2002 (uMthetho onguNombolo 14 wowama-2002) ("uMthetho iMDDA").

NgokoMthetho we-MDDA, iMDDA yenzelwa ukuze incede ukuba kudalwe imeko evumela uphuhliso kunye nokwahlukana kumajelo eendaba ngokulungisa ukukhutshelwa ngaphandle uluntu olwalufudula luvinjwe amathuba kunye nabantu abangancedwa ngokwaneleyo ngamajelo eendaba ukuze babe nokufikelela kumajelo eendaba nakumsebenzi wamajelo eendaba. Abaxhamli beenkqubo zale arhente ngamajelo eendaba oluntu kunye namajelo eendaba orhwebo amancinane.

Ilungu leBhodi kufuneka lube: • Ngumntu ozinikeleyo ekubeni angabi nesheyi, kwinkululeko yokuvakalisa izimvo, ekubeni ngumntu ongcinga ziphangaleleyo nasekuthatheni uxanduva ngezenzo zakhe • Ngumntu omele amacandelo awohlukeneyo oluntu lweRiphabhliki nonezifundo, ubuchule namava afanelekileyo kule mihlaba, phakathi kweminye; • AMajelo eeNdaba; uQoqosho, uLawulo lweziMali neNkxaso-mali; iiNtengiso noRhwebo; ubuNtatheli neeNkqubo zoSasazo; uPhando ngezaMajelo eeNdaba; uQeqesho lwaMajelo eeNdaba, ubuchule bokuFunda nokuBhala; uMthetho wezaMajelo eeNdaba; uMgaqo-nkqubo wetheknoloji yolwazi noNxibelelwano; okanye nabuphi na obunye ubuchule okanye izifundo eziphunyelelweyo ezinxulumene noku. Abatyunjwa nabo kufuneka babe ngabemi belo Mzantsi Afrika abahlala kwiRiphabhlikhi ngokusisigxina.

Utyumbo olubhaliweyo kufuneka luqulathe igama elipheleleyo nedilesi yeziko kunye/okanye umntu lowo utyumba othile, uxwebhu lotyumbo olutyikitywe ngumtyunjwa lokwamkela utyumbo kunye neNkcazo yakhe ngaMava oMsebenzi neZifundo aziPhumeleleyo, ebonelela ubuncinane ngolu lwazi lulandelayo: • Igama elipheleleyo, inombolo yeSazisi kunye nesini • Idilesi yonxibelelwano, inombolo yemfonomfono neyefeksi, idilesi ye-imeyile • Amava omsebenzi angaphambili (kukhankanywa amaxesha nemibutho echaphazelekayo) • Iikopi eziqinisekisiweyo zezifundo eziphunyelelweyo nezesazisi.

Amagama abatyunjwa kunye nemibuzo kufuneka ithunyelwe kwiKomiti yeMicimbi yeSebe lezoNxibelelwano nobuChwepheshe beDijithali **(iNgqalelo kuMnu Thembinkosi Ngoma, uNobhala weKomiti)** zize zithunyelwe nge-imeyile kule dilesi **mddaboardvacancy@parliament.gov.za.** Imibuzo ngemfonomfono ingenziwa kule nombolo **0837098407**.

Umhla wokuvalwa kokungeniswa kwamagama abatyunjwa: NguLwesihlanu, umhla we-17 kweyeKhala 2026 ngentsimbi yesine malanga. Nceda uqaphele ukuba kuya kuqhutywa uhlolo lokuchaneka kwezifundo eziphunyelelwe ngabatyunjwa kunye nohlolo lomngcipheko wabo ngokwezobuntloli. Inkqubo yokutyumba kunye nodliwano-ndlebe yinkqubo karhulumente. Iziphakamiso ezifike emva kwexesha aziyi kuqwalaselwa.

**Sikhutshwe nguNks KLN Sangoni, iLungu lePalamente: USihlalo, weKomiti yeMicimbi yeSebe yezoNxibelelwano nobuChwepheshe beDijithali.**

Your Parliament. Your Voice. Your Future.